

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

NOVEMBA 2012

IMEMORANDAM

AMANQAKU: 70

Le memorandam inamaphepha ali-17.

ICANDELO A: INOVELI

UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)

KUSA KUSIHLWA – KS Bongela

Umfundi angacangcatha kwezi ngongoma:

- Ingxwelerha enguMpumelelo, ishiyeka igula isesesikolweni, inyangwe kwisibhedlele saseKapa.
- Impumelelo yakhe kwiMatriki eBlythswood, egqwesa kwizifundo zeMathematika nezoBugqi.
- Isikolashiphu sakhe sokufunda ezoBugqi eFort Hare nokubalasela kwezemidlalo nakwimidlalo yeqonga. Imfundo yakhe eWentworth, esenza izifundo zobuGqirha.
- Uhambo lokufunda phesheya kwiDyunivesithi yase-Edinburgh, ehambela i-Ireland, ephanda ngezobuGqirha.
- Ukubuyela ekhaya, uphuthunywa yinyambalala yabantu bamenzela itheko lokumankela.
- Ukwamkelwa kwakhe eLusikisiki ngethekokazi elizinyaswe zizinxiba-mxhaka zelo laseMaMpondweni.
- Indumasi yakhe kwezobugqirha, nokwanda kwenani labantu abafuna ukuncedwa.
- Isicelo sesibhedlele kurhulumente, nokuphindela phesheya ukuya kwandisa ulwazi lwakhe ngezigulo ezidibene nengqondo.
- Wongamela isibhedlele, uphilisa isigulane esasixakile saphila, watsho wayindumasi.
- Umenywa kwiindawo ngeendawo ukuba ancede abanye oogqirha, sanda nesibhedlele.
- Umpumelelo uvuselela ezemidlalo nomculo kwelo de aphele engqungelwa nakwezopolitiko.


OKANYE

UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

KUSA KUSIHLWA – KS Bongela

- | | | | |
|-----|-------|------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|-----|
| 2.1 | 2.1.1 | NguMpumelelo.√ | (1) |
| | 2.1.2 | NoNozililo noMaMiya.√√ | (2) |
| | 2.1.3 | B UMamTolo ungumntu onovelwano√/ B√/uMamTolo ungumntu onovelwano.√ | (1) |
| | 2.1.4 | 'Akuphela kwento esinokulala sitye yona yobunkedama bakhe.'√ | (1) |
| | 2.1.5 | Basweleka ngengozi yemoto.√ | (1) |
| | 2.1.6 | Uthenge abantu ukuba baqhekeze evenkileni ngokungena entungo.√/uNozililo uthenge ootsotsi ukuba batshise ivenkile yakwaNtsibande.√ | (1) |


[Nayiphi na impendulo kwezi zingentla.] (1)



Am

PP

- 2.1.7 UMaMiya wayengumhlobo kaNozililo ongalunganga ngoba akamqandi uNozililo kwizinto ezingalunganga azenzayo uyamkhwezela. ✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (2)
- 2.1.8 UThamsanqa noYolisa bebeza kuyijonga ivenkile yakwaNtsibande✓/uNozililo ebeza kuba nethemba lokuba ivenkile iza kuwela ngakuye✓/ilizwe belingazi kumfumana umntu ofana noMpumelelo. ✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (1)
- 2.1.9 Kungenxa yempindezelo yezizalwane zomnye wootsotsi owadutyulwayo wafa ngexesha kwakuza kutshiswa ivenkile yakwaNtsibande. ✓✓ (2)
- 2.1.10 Ivenkile ababencwase ukuyifumana njengelifa uNozililo noNtongana yathengwa nguLungile baza abakwazi ukuyifumana. ✓
✓/uthetha ukuba nguLungile owabangela bangayifumani le venkile. ✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (2)
- 2.1.11 UNozililo uthuthele uNomakhwezi iindaba ezibangele ukuba axabane noLungile umyeni wakhe bade babe bayasweleka. ✓✓ (2)
- 2.1.12 Wayekhathazeka✓/wayeba nomsindo✓/wayengathandi✓ / wayengonwabi✓/wayenxunguphala. ✓ (1)
- 2.2 2.2.1 'Waba uyayishiya iBlythswood emva kokuba efumene amazwi amkhaphayo adibene namabhaso eencwadi. ✓ (1)
- 2.2.2 Waya eFort Hare. ✓ (1)
- 2.2.3 Imidlalo yaseqongeni✓/ umdlalo webhola ekhatywayo✓/ amanqindi. ✓
[Nayiphi impendulo kwezi zingentla.] (1)
- 2.2.4 Kungokuba amakhaya abo okuzalwa aseTranskei✓/kungokuba babesuka endaweni enye. ✓ (1)
- 2.2.5 Ngobukrelekrele✓/bethanda umculo✓/ bekwikwayala bobabini✓/ benza izifundo ezinye (ezoBugqi kwabalungiselela izifundo zobuGqirha). ✓
[Nayiphi impendulo kwezi zingentla.] (1)




Handwritten signature

Handwritten signature

- 2.2.6 (a) B uThamsanqa√ (1)
(b) A uLungile√ (1)
- 2.2.7 Yimpilo embi√/kukwenzakala aye kulala esibhedlele ixesha elide.√ (1)
- 2.2.8 Bayavana√√/basoloko bekunye√√/abohlukani.√√ (2)
- 2.2.9 Ungumntu oneentloni√/ungumntu ongandwebanga√/ungumntu ongakuthandiyo ukuthetha√/ungumntu owoyika amehlo.√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)
- 2.2.10 Baye batshata.√ (1)
- 2.2.11 Limfanele ngoba uye waphumelela ebomini nangona bekukho imiceli mngeni emininzi.√√ (2)
- 2.2.12 Ewe. Kwangelaa xesha ebeseukumabanga asezantsi ebezibalule kwizifundo zakhe, umculo nemidlalo, ukanti nasebudaleni bakhe uye wazibalula kwezi zinto. √√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 2.2.13 Wayenenkathalo√√/wayenothando√√ (2)

[35]

OKANYE



Handwritten signature

Handwritten mark

UMBUZO 3 (UMBUZO OMDE)

UMQOL'UPHANDLE – PM Ngani

Umfundi angacangcatha kwezi ngongoma:

- UJoe Bumba ngumnikazi *weRio Cinema*, indawo yokugqibela uEddie Maga noLulama Zuma abaya kuyo phambi kokuba basweleke.
- UHlobo undwendwela uJoe Bumba, afumane ubungqina obutsha obumnceda ekuphandeni.
- Inenekazi elinxibe idyasi efana nekaLinda awayeyinxibe ngobusuku ekwasweleka ngabo uEddie noLulama.
- UDick noJoe baya kwesi singa lalimise kuso inenekazi bafumana umzila wamavili, wacholachola okaHlobo kwincwadana yakhe yamanqaku.
- UJoe uveze ukuba uEddie uboleke umashini wakhe *weTape Recorder* esithi uza kuwusebenzisa kumcimbi obalulekileyo, wagqibela ngokuwuthenga.
- UHlobo ube nomdla kakhulu ingakumbi kule *Tape Recorder* wazimisela ukuba uza kuyikhangela de ayifumane apho ikhoyo.
- UHlobo uya kwaNdabazabantu ngeenjongo zokuphanda ngelifa likaEddie. Ufumanisa ukuba impahla kaEddie igcinwe *eAll Safe Bank* yaye kukho ne*Tape Recorder* kuloo mpahla.
- Le *Tape Recorder*, yaba luncedo kolu phando kuba yiyo eyaveza ababulali bakaEddie Maga noLulama Zuma abangamalungu *eMoonglow Club*.


[35]

OKANYE

UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

UMQOL'UPHANDLE – PM Ngani

- | | | | |
|-----|-------|--------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|-----|
| 4.1 | 4.1.1 | Kusebhayaskophu. ✓/eRio Cinema✓/Cinema. ✓ | |
| | 4.1.2 | Wahamba noLulama Zuma ✓/noLulama. ✓ | |
| | 4.1.3 | Ukungaphili kwam akusoze kumthintele ✓/kambe ayekho amayezana engqele abekwe ecaleni komandlalo wakhe wokulala. ✓ | |
| | | [Nayiphi impendulo kwezi zingentla.] | (1) |
| | 4.1.4 | Monti. ✓ | (1) |
| | 4.1.5 | ULinda wafana wazixolisa ngokubuka imifanekiso yabo bobabini ✓/ ULinda wazixolisa ngokubuka imifanekiso yakhe noEddie. ✓ | (1) |
| | 4.1.6 | ULinda wayedume ngokuba ngunobuhle waseMonti. ✓ | (1) |
| | 4.1.7 | Wambhalela ileta ✓/wamfowunela. ✓ | (1) |
| | 4.1.8 | Hayi, akazange abuye kuba wafumana ingozi yemoto wasweleka ✓✓/wadutyulwa wasweleka. ✓✓ | (2) |



- 4.1.9 Uyithanda kakhulu✓✓/uyixabise kakhulu.✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 4.1.10 ULinda wayengumntu onokunganyaniseki✓✓/
onokungathembeki✓✓/ umntu ongagqibekiyo ✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 4.1.11 Wayefuna uEddie ahlale naye✓/ wayefuna uEddie amcenge✓/
wayefuna amhoye✓/wayefuna angayi kwibhayaskophu ahlale
naye.✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)
- 4.1.12 Hayi. Asingawo onke amabhinqa anobuqhokolo✓✓/akukho
bungqina bokuba amabhinqa anobuqhokolo.✓✓

Okanye

- Ewe, amanye amabhinqa anabo ubuqhokolo. ✓✓ (2)
- 4.1.13 Ubuhlobo babo bebusebufana nobendoda nomfazi
abatshatileyo✓✓/ibonisa ukuba ebemthanda kakhulu uLinda,
emthembile.✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 4.2 4.2.1 Yenziwe ngesikhumba✓/ngofele.✓ (1)
- 4.2.2 Wayefuna ukuqinisekisa ukuba akukho mntu umbukeleyo.✓ (1)
- 4.2.3 Kukuphambisa kancinci unyathela ngeenzwane kungavakali zingqi.✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)
- 4.2.4 Kwakukho ilaphu lokusula, amacici, izacholo, amaqhagana
aneendidi ngeendidi zokugcobha ubuso, izinto zokugcokotsha
umlomo, amashiyi neenzipho, umsesane wengeji, ivolovolo.✓✓
[Nayiphi isibini kwezi.] (2)
- 4.2.5 UHlobo wayezokuphanda ngokufa kukaEddie Maga noLulama
Zuma✓/wayezokubuzisa imibuzo kuLinda Monti malunga nokufa
kukaEddie noLulama.✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)
- 4.2.6 Wathatha ivolovolo eyayisengxoweni kaLinda, wabuyela
emnyango wayokunkqonkqoza, wathetha noLinda embuzisa
imibuzo.✓✓ (2)


- 4.2.7 UDuma Hlelo weva isikhalo sikaLinda endlwini wacinga ukuba ubethiwe nguHlobo.√√ (2)
- 4.2.8 Hayi, u-Eddie noLulama bafa kwingozi yemoto, uEddie edutyulwe entloko.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 4.2.9 Umfanekiso womntu othatha into ngokukhawuleza, ezimisele ukuthatha ixesha eyiphengulula kakuhle.√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)
- 4.2.10 UHlobo uthe akufumana le ngxowa wonwaba wabonakalisa ukungabi naxhala emana ehleka kancinci evuyela ukufumana izinto acinga ukuba ziza kuba luncedo kulo msebenzi wakhe.√√ (2)
- 4.2.11 Ewe, kuba wayesenza uphando ke efuna ubungqina obubambekayo√√/wayesazi ukuba uLinda usenokungavumi ukuba agqogqe ingxowa yakhe.√√

OKANYE

Hayi, kwakufanele afumane imvume kaLinda√√
wayesenokukhanyela uLinda ngelithi ezo zinto zifakwe nguHlobo kuloo ngxowa.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
[35]

AMANQAKU ECANDELO A: 35



Handwritten signature

Handwritten initials

ICANDELO B: IDRAMA

UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)

NDIYEKENI – DM Jongilanga

Umfundi angacangcatha kwezi ngongoma:


- Iinyosi nguNdila, uFuneka noZanele. Impukane nguMawonga.
- UMawonga uthathe unyawo ekunxileni oko ephelile ngumsebenzi.
- Usabambelele kuthando lwakhe noZanele engazi ukuba iliwa libhek'umoya.
- UMawonga uyabuqonda ubuqhinga nobuqhophololo abenzelwe nguFuneka noZanele.
- Iintetho zikaNdila ezikrwempayo zibonisa ukukuvuyela ukuphalala kukaMawonga.
- UZanele uxhasa abahlobo bakhe, ulibele ngezinye ebekade ezenzelwa nguMawonga, umfanisa nenja eba amaqanda ngokuyebeyebeza.
- UMawonga uyambonisa uZanele ukuba uyaluqonda uthando lwabo ukuba ibingelo thando lokwenyani ibilukhokho lobutshijolo notshaba.
- UFuneka akabufuni ubudlelwane bukaMawonga noZanele kuba uwugqibile umsebenzi wokumwisa.
- UFuneka ukhala ngentaka endala esafuna umfunzelo xa ebhekisa kuMawonga.
- Kucacile naye uZanele akanamqolo, kuba ebenyanisile xa esithi akafuni ukulahla imbo yakhe ngophoyiyana.
- UFuneka umxelela ukuba kubhetele uphoyiyana xa imbo inyanyeka, yena ufuna iintaka ezizalelayo apho kwakhe.
- UZanele usetyenziswe ngempumelelo nguFuneka noNdila ngokubabambela uMawonga.
- Ugxothwa okomshologu xa eze kufuna uZanele kwaFuneka.
- UNdila ubulela uZanele noFuneka ngokumbambela uMawonga.
- UMawonga uqinisekisa uZanele ukuba ubuhle abudibani nobubi, yiyo le nto athi iinyosi azinabudlelwane neempukane.
- UMawonga uqonda ukuba akangeni ndawo ebomini bukaZanele nabahlobo bakhe.
- Impendulo kaNdila xa ethi uMawonga, 'Indoda ayikhwazi ingekaphumi ehlathini', aze yena athi, 'Akasekho nasenyeleni uthe ngcu ngaphandle' imenza azibone enziwe isibhanxa.
- Uphuma ethetha ukuba ithambo lenyoka lihlaba elimzondayo

OKANYE


UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)

NDIYEKENI – DM Jongilanga

- | | | | |
|-----|-------|-------------------------------------------------------|-----|
| 6.1 | 6.1.1 | Libonisa ukuba uyavuya✓/ wonwabile✓/ uchwayitile✓ | (1) |
| | 6.1.2 | B Ukuziqalela inkathazo✓/ B✓/ ukuziqalela inkathazo.✓ | (1) |
| | 6.1.3 | NguMawonga Loni✓/nguLoni✓/nguMawonga✓ | (1) |



- 6.1.4 Uthi uFuneka oonomgcana ngabona balungileyo kuba sebeqhele ukubotshelelwa esisingeni. ✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (1)
- 6.1.5 Bathetha besendlwini kaFuneka ✓/ bekwaFuneka eN.U.3. ✓ (1)
- 6.1.6 Uyinqununu yesikolo saseNobutho ✓/ uyinqununu ✓/uyititshala. ✓ (1)
- 6.1.7 '... nophoyiyana uyaqhuqhwaba abe nguchwenene.' ✓ (1)
- 6.1.8 Ewe, uZanele uyacinga phambi kokwenza kuba naku esithi walamile kodwa uxakwa yinto yokuba lo mntu unomfazi kwaye akafuni asele utywala ✓✓/ Ewe, uZanele uyacinga phambi kokwenza ingxaki yokuba uMawonga utshatile uyayibona kodwa into ayifunayo yimali. ✓✓ (2)
- 6.1.9 La mazwi anobunyani kuba uFuneka naye uthandana noNdila oselayo omenzela yonke into njengokumthengela impahla yendlu. ✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (2)
- 6.1.10 Ibonisa ukuba uFuneka asingomhlobo wenene kuZanele ✓✓/asingomhlobo unyanisekileyo kuZanele ✓✓/uFuneka ungumhlobo ongakweyelisela ungaqondanga. ✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 6.1.11 Uveza ukuba uFuneka mdala kunoZanele ✓✓/ bavana kakhulu. ✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 6.1.12 UZanele ungumntu ongafuni mntu uselayo nonomfazi ✓✓/akambanganga kwaphela ✓✓/unovelwano. ✓✓ (2)
- 6.1.13 Kukumkhuthaza ukuba makangatyhafi azame konke anakho ukufumana uMawonga ukuze icebo labo liphumelele. ✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 6.2 6.2.1 Kukunxila ingakumbi ngexesha lomsebenzi ✓✓/kukusela kakhulu ngexesha lomsebenzi ✓✓/kukusela ngexesha lesikolo ✓✓/kukuthuma abantwana utywala ngexesha lesikolo. ✓ (1)
- 6.2.2 NguMadala ✓/ nguGeorge Madala. ✓ (1)



ffu


10

NSC – Imemorandum

- 6.2.3 Wayencwase ukuba uFuneka amcebise✓/wayesazi ukuba uFuneka akasoze angabi nalo icebo kule meko yakhe✓/wayefuna uFuneka amsizele kuze kube lula ukwenza iyelenqe lokubhukuqa uMawonga✓/babethandana.✓
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)
- 6.2.4 Kungokuba uNdila wayetshatile✓/ wayenomfazi. ✓ (1)
- 6.2.5 (a) D✓/ Madala✓/D Madala✓ (1)
- (b) B✓/ Zanele✓/B Zanele✓ (1)
- 6.2.6 UNdila makangabe emise ngayo into yokuphelelwa kwakhe ngumsebenzi.✓✓/uthetha ukuthi makangayithwaleli phezulu into yokuphelelwa kwakhe ngumsebenzi✓✓/ makangabe ethetha ngayo le nto yokuphelelwa kwakhe ngumsebenzi.✓✓
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 6.2.7 Yinyani, uFuneka uthi ukuba uNdila uze kufuna imali utsho ebhatyini.✓✓ (2)
- 6.2.8 La mazwi athetha ukuthi le mpahla amthengele yona ikule ndlu kufike ixesha lokuba afumane imbuyekezo ngayo okanye naye amncede✓✓/athetha ukuba njengoko uNdila naye wayemthengele impahla yendlu uFuneka naye makamncede. ✓✓
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- Ibonisa ukuba bayathandana kwaye banesivumelwano sokuphathisana ngale ngxaki kaNdila✓/ bayathandana.✓
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)
- 6.2.10 UFuneka wenza ukuba icebo lokuwisa uMawonga libe nempumelelo ukuze uNdila azuze impindezelo✓✓/uFuneka wasebenzisa uZanele ukuwisa uMawonga ngothando notywala ukuze aphelelwe ngumsebenzi uNdila aphindezeleke.✓✓
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 6.2.11 UFuneka umkhuthaze kwakuko uZanele ukuba athandane nomntu otshatileyo, osela utywala ngeenjongo zokufumana imali kuba naye uthandana noNdila otshatileyo osela utywala✓/uFuneka uthandana nomntu otshatileyo kwaye oselayo.✓
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)

[35]

AMANQAKU ECANDELO B: 35



ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)

NDAKUYICEL'IVUTHIWE – LL Ngewu & EZ Guqa

Kanti andizenzanga

Umfundi angacangcatha kwezi ngongoma:

- UMntuyedwa ukhuliswa ngunina akanatata.
- Ukhule ethanda imisebenzi yasendlwini yabantu ababhinqileyo.
- Ukhula izinto ezintama ubukhwenkwe enkwenkweni zinqongophele kuye engathi uyintombazana, encokola nabasetyhini.
- Ngenxa yoku, iintanga zakhe zimtyhilizele kude kuzo zimbiza ngobafazini.
- Amakhwenkwe elali ambizela imbizo emngxolisela ukungahambi zindibano zawo.
- Akamniki thuba lokuzithethelela koko asuke athembise ngokumbetha ukuba akayeki kuzibandakanya namantombazana.
- UMntuyedwa ugxothwa esikolweni, ngenxa yokuba enemikhwa yamantombazana eyinkwenkwe, nto leyo imhlutha ilungelo lakhe lokufunda.
- Amadoda elali ambizela imbizo kukhalinyelwa isimo sakhe sokuluka iinwele, aqabe umlomo bomvu, anxibe namacici.
- Uthi nangona ezixela ukuba yena angakhetha ukuba kwicala lamabhinqa, anyanzelise ukuba ahlukane nezimbo zobubhinqa.
- Izimvo zakhe azisiwa so, koko amadoda elali athatha isigqibo sokumgxotha kuloo lali, sigqibo eso sithathwa engekho.
- Ilungelo lokuhlala apho athanda khona liyanyhashwa.
- Umama wakhe umnyanzele ukuba ahambe nokuba uye phina ukubaleka ukuba angabulawa.
- Uyemka aye kuhlala eMnyameni, nalapho agxothwe ngabahlali, kuba besithi akayiyo le nto athi uyiyo.
- Lilonke abantu baseSikhobeni nabaseMnyameni banyhashe amalungelo akhe; elokuzikhethela, elokufunda nelokuzithethelela ngokumcalula.

[35]

OKANYE

UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)


NDAKUYICEL'IVUTHIWE – LL Ngewu & EZ Guqa

- 8.1 8.1.1 NguFanabekho. ✓ (1)
- 8.1.2 Unyana wayenxibe impahla edlakadlaka, uMaKheswa yena enxibe kakuhle✓/ kungenxa yokuba inkangeleko yonyana ibiyeyomntu owolusa iinkomo, nalapho engahlawulwa kakuhle✓/ bubumdaka bukaFanabekho. ✓ (1)
- 8.1.3 Babesiya eMithatha, uMaKheswa eyokuthengela unyana lo wakhe iimpahla✓✓/uMaKheswa eyokuthengela unyana lo wakhe impahla, achetywe neenwele. ✓✓ (2)


- 8.1.4 '...ubeyimpula kalujaca'. ✓ (1)
- 8.1.5 Uyibonakalise ngokungavumelani nomama wakhe xa afuna iinwele zakhe zichetywe zonke. ✓✓ (2)
- 8.1.6 Ukuzilela utata wakhe oswelekileyo ✓✓ kuba kwakusweleke utata wakhe. ✓ (1)
- 8.1.7 Le ntetho ithetha ukuchetywa okanye ukususwa kweenwele ezinkulu, ezinde, ezixineneyo, ezidlakadlaka nezoyikekayo. ✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 8.1.8 Ungumama onengqeqesho, kuba umamkele unyana wakhe akubuya emva kokutshipha iminyaka uye wamxelela imisebenzi yekhaya emele ukwenziwa ngumntwana oyindodana ✓✓/ebengakhuthazi into yokuba uFanabekho abe ngumntu nje ongenzi nto. ✓✓

OKANYE

- Ayingomama onengqeqesho kuba wamyeka umntwana wakhe wayeka isikolo. ✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 8.1.9 Bendiya kuzama ukuzimisela ukwenza imisebenzi yekhaya ndizibandakanye nakwimisebenzi yenkqubela yasekuhlaleni ✓✓/ bendiya kucela uxolo kumama ngokuhamba ixesha elide ndizimisele ukwenza imisebenzi yekhaya. ✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 8.1.10 Hayi, akazange afune ukukhathalela impahla yakowabo, akazibandakanya nazo zonke izinto zekhaya ✓✓/ube luxanduva kuMaKheswa emondla, emnxibisa emnika nemali. ✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 8.1.11 Abazali abalungileyo bayakwazi ukuzala umntwana ongazimiselanga ntweni ✓✓/uthando lomzali ✓✓/umzali uyamthanda umntwana nokuba uyintoni na ✓✓/ umthathi uyawuzala umlotha ✓✓/ ukungakhathali kukuphosanisa nezinto ezibalulekileyo ebomini ✓✓/ukuzenza akufani nokwenziwa ✓✓/ikamva lakho lixhomekeke ezandleni zakho. ✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)



- 8.2 8.2.1 Umhlolokazi.√ (1)
- 8.2.2 UFanabekho akaphulaphulanga nanye kwizinto azixelelwe ngunina.√ (1)
- 8.2.3 B Akukho nto ebeluncedo ngayo ekhayeni lakhe, elalini yakhe, edolophini yakhe, nakwisiqum sakhe.√ (1)
- 8.2.4 Wayebaleka ukubulawa ngabantu belokishi yakwaNobuhle ngenxa yobusela.√ (1)
- 8.2.5 Wathi ebeyingcibi kwaze kwasweleka amakhwenkwe ebewolusile, baze abahlali banomsindo bafuna ukumhlaselela.√ (1)
- 8.2.6 Likwilali yaseDangwana.√ (1)
- 8.2.7 17 leminyaka.√ (1)
- 8.2.8 Uzibona njengomntu ongenamntwana akaluncedo ekhaya ufana nongekhoyo.√√ (1)
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 8.2.9 Wayezenza bhetele ngathi ngumntu ophucukileyo ofunda amaphepha√/wayefuna abantu bacinge ukuba uyaphangela.√ (1)
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)
- 8.2.10 Wayethi akubuzwa umsebenzi wakhe athi uyipharmacist√√/weva kabuhlungu xa wayexelelwa ngunina ngeentanga zakhe eziphumeleleyo.√√ (2)
- 8.2.11 Ewe mdala, wasishiya isikolo esikumabanga aphantsi√√/ wayeshiywe lixesha.√√ (2)



OKANYE

Hayi, imfundo ayigugelwa, nokuba umdala kangakanani ungafunda xa ufuna.√√ (2)

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.]

8.2.12 Adandalazisa ukuba ubudlelwane babo buyahexa, buhesheheshe, abubuhlanga.√√ (2)

8.2.13 UFanabekho akasifuni isikolo unina efuna ukumfundisa√√/uFanabekho akanankqubela ngeli xesha unina ezibandakanye nezinto zenkqubela ekuhlaleni√√/ulisela, unina akazange weba ebezisebenzela.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
[35]

AMANQAKU ECANDELO C: 35


ICANDELO D: ISIHOBE – VUKANI MADODA KUSILE

UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)

- 9.1 Isingqisho.√ (1)
- 9.2 Usixelele.√ (1)
- 9.3 Isingqi.√ (1)
- 9.4 B Izilwanyana zonwabela ubuhle beentyatyambo obudlamkisayo√/B√/
Izilwanyana zonwabela ubuhle beentyatyambo obudlamkisayo.√ (1)
- 9.5 Abazingeli babuka ubuhle beentyatyambo.√ (1)
- 9.6 Kant'umthinjana ukwenz'ihombo.√ (1)
- 9.7 Lulutsha olungamantombazana√/ngamantombazana.√ (1)
- 9.8 Abantu abaninzi√√/inyambalala yabantu√√/inkitha yabantu.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 9.9 Iintyatyambo zininzi ziziintlobo ngeentlobo, umthinjana uzihombisa ngazo,
ubuhle nevumba lazo ziyathandwa sisizwe.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 9.10 Sisimntwiso.√ (1)
- 9.11 Ubomi abunakuze bube mnandi xa zinokungabikho iintyatyambo kuba
ziyonwabisa kwaye ziyaphilisa emphefumleni.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 9.12 Ezigadini kulapho zixhaphake khona iintyatyambo kuba kulapho zifunyanwa
khona ngobuninzi.√√ (2)
- 9.13 Abantu mabazixabise iintyatyambo kuba bangafunda lukhulu kuzo.
Ziyonwabisa, zondla nabalambileyo.√√ (1½)
[17½]

UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)


- 10.1 Lunxusaniso.√ (1)
- 10.2 Zidweshwa.√ (1)
- 10.3 Yintaba kaNdoda.√ (1)



- 10.4 Ngamahlathi akwaHoho.√ (1)
- 10.5 'Inge ithozamel'ukuthandazel'imvula.'√ (1)
- 10.6 Zimzukisela ukudala le ntaba.√ (1)
- 10.7 Sisimntwiso.√ (1)
- 10.8 Ziyabulela ngobukho bale ntaba√√/zibulela ngokungazenzisiyo ngokubabalwa ngale ntaba nobume bayo.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 10.9 Imbongi inamatshamba ichukumisekile√/iyaphuphuma zizinto efuna ukuzithetha.√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)
- 10.10 Bafikela kule ntaba baphumla besuka kwilizwe likaKumkani uPhalo.√√ (2)
- 10.11 Ngumntu ozingcayo ngobuzwe bakhe√√/ngumntu oxabise imvelaphi nembali yakhe√√/imbongi ithanda indalo.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 10.12 Ndiyangqinelana, imbali yobukhosi bakwaXhosa isukela phaya kuba ukumkani uRharhabe neqela lakhe yindawo yokuqala awafikela kuyo√√/le ntaba inemvelaphi yamaRharhabe.√√ (2)
- 10.13 Kubalulekile ukuba bazi ngembali yabo√√/iqulethe imbali yabo√√/inemfundiso ebantwini malunga nemvelaphi yabo.√√ (1½)
[17½]

UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)

- 11.1 YiSonethi.√ (1)
- 11.2 Lithe cwaka alivakalelwa.√ (1)
- 11.3 ...alenzi ngxolo.√ (1)
- 11.4 ...esithand'ukudla amacwaka.√ (1)
- 11.5 Alikhathalelanga nto√√/alikhathazekanga√√/lithule.√√ (2)
- 11.6 'Nditsho ukuba naku lindanda ngodlamko'.√ (1)
- 11.7 Lithetha ukukhangelisisa√√/ukufuna into√√/ukubhekabheka.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)



11.8 Kungokuba likhangela ukutya✓/lifuna into etyiwayo.✓ (1)

11.9 Obu bumbejembeje beli bhabhathane benza imbongi izive yanelisekile✓✓/benza imbongi izive ithe ngco✓✓/bufike bongama embilinini wembongi✓✓/imbongi iziva yonganyelwe bobu bunewunewu nobu bumbejembeje bebhathathane.✓✓


[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

11.10 Imigca yokuqala yesibhozo yi-okthevu, emithandathu yokugqibela yisesthethi.✓✓ (2)

11.11 Isizobebe ngokucace gca indlela elihle ngayo neliphila ngayo ibhabhathane kunye nendlela evakalelwa ngayo imbongi.✓✓

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

11.12 Livuselela umzwa wokubona.✓✓



(1½)
[17½]

UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)

12.1 Ubomi lidabi elinzima.✓

12.2 Umzwa wokubona✓/ wokuva. ✓

12.3 Qina isibindi ukuze uphumelele✓/qul'uphethel'imini nobusuku bayo.✓ (2)

12.4 Bangqengqe elungqamekweni✓/bagxampuze emgxobhozweni.✓

[Nayiphi enye] (1)

12.5 Xa ufuna into ngenyaniso nangenyameko awulali, kufuneka uvuke uyikhangele ukuze ufumane iziqhamo ezihle.✓✓

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

12.6 Aphazamise abaqhubekakayo✓✓/atyhafise abazamayo.✓✓

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

12.7 Ngumfanekiso-ntekelelo weliso✓/ngoweliso.✓

(1)

12.8 Qhubela phambili✓✓/ bheka phambili✓✓/ sukuma ndawonye yiya phambili.✓✓

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

12.9 Ngalo mqolo imbongi iphuhlisa ngakumbi ukuba ubomi ngumzamo✓✓/ubomi bunzima bufuna umntu owomeleleyo onyamezelayo, obheka phambili ongajongi emva.✓✓

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

12.10 Ubomi ngamahlandinyuka, abululanga bufuna umntu ozaziyo ukuba amandla akhe avela kuMdali wakhe, othandazayo uyaphumelela. ✓✓

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.]

(2)

12.11 Ngumbongo-nkcazo✓/ngumbongo ochazayo✓kuba imbongi ichaza iindlela zokuphumelela ebomini✓/ichaza izinto umntu aza kuhlngana nazo ebomini neendlela anokuzihlangabeza ngazo. ✓


[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.]

(1½)

[17½]


AMANQAKU ECANDELO D: 35

AMANQAKU EWONKE: 70



the

an



education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)


IPHEPHA LESIBINI (P2)

NOVEMBA 2012

IRUBRIKHI

AMANQAKU: 70

IXESHA: 2 iiyure



Le rubrikhi inamaphepha ama-3

H.M. MATSHINGANA
DBE / M
20/11/2012
[Signature]

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

APPROVED
P.R. MAOHUDE
EXTERNAL MODERATOR
[Signature]
Tyhila iphepha
20/11/2012

ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO - IRUBRIKHI YOKUMAKISHA ISINCOKO SONCWADI

Gaphela umahluko kumanqaku anikwa umxholo xa kuthelekiswa nalawo esakhiwo nolwimi.

ULWABIWO LWEEKHOWUDI NAMANQAKU	UMXHOLO [25]	ULWABIWO LWAMANQAK U	ISAKHIWO NOLWIMI [10]
Ikhawudi 7 80 - 100%	<p>Ukuchazwa kweshloko: Ubunzulu bezimvo, ukuzathuza nokuqondwa kakuhle komsebenzi omiselweyo.</p> <ul style="list-style-type: none"> - Ubonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko, nemiba yesihloko - iphicothwe ngokugqwesileyo. - Isincoko siphuhle. (90+ ukugqwesa kwesincoko). - Unike uluhlu lwezimvo oluphuhlileyo noluxhaswa ngokugqibeleleyo kwitekisi. - Ubonakalisa ulwazi oluphuhlileyo lwale jenri netekisi. 	<p>Kugqwesile 8 - 10 amanqaku</p>	<p>Isakhiwo, sibhalwe kwaye sinikezelwe ngokungqinelanayo. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala.</p> <ul style="list-style-type: none"> - Isincoko sakhiwe ngokuthungelananayo. - Intshayelelo nesiphelo zigqwesile. - Izimvo zakhiwe kakuhle kwaye ziphuhliswe ngokucacileyo. - Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala ziphuhle, ziyathabathekisa kwaye zigqwesile.
Ikhawudi 6 70 - 79%	<ul style="list-style-type: none"> - Ubonakalisa ingqiqo echanekileyo ngesihloko. Imiba yesihloko - iphicothwe ngokwanelisayo. - Isincoko sicacile. - Unike uluhlu lwezimvo ezibhadlileyo nezixhaswe kakuhle kwitekisi. - Ulwazi lwejenri netekisi luyancomeka kakhulu 	<p>Kuphakamile 7 - 7½ amanqaku</p>	<ul style="list-style-type: none"> - Isincoko sakhiwe kakuhle. - Intshayelelo nesiphelo ziyancomeka. - Izimvo neengcinga zilandeleva tula. - Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zingqinelana ngokuchanekileyo neenjongo zesincoko. - Isinikezelo sihle.
Ikhawudi 5 60 - 69%	<ul style="list-style-type: none"> - Ubonakalisa ingqiqo nokusiqonda kakuhle isihloko. - Uzamile ukusicacisa isincoko sakhe. - Unike uluhlu lwezimvo ezibhadlileyo, kodwa azixhaswanga ngenlelela egqibeleleyo. - Ulwazi lwejenri netekisi luyancomeka. 	<p>Kuphakathi 6 - 6½ amanqaku</p>	<ul style="list-style-type: none"> - Isakhiwo sicacile kwaye nezimvo zilandelana ngokufanelekileyo. - Intshayelelo, isiphelo kunye neminye imihlathi zilungiselelwe zanamathelana kakuhle. - Ukudweliswa kwezimvo kuyalandeleka. - Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zikhangeleka zichaneke kakuhle.
Ikhawudi 4 50 - 59%	<ul style="list-style-type: none"> - Uzamile ukubonakalisa ingqiqo malunga nesihloko, kodwa kukho imiba engaphuhliswa ngokwaneleyo. - Amanye amanqaku akhe axhasa isihloko ngokwanelisayo. - Ezinye izimvo ziyaxhasa nangona ubungqina buthanda ukuganelsi ncam. - Ulwazi lwejenri netekisi lukwizinga eliphantsi. 	<p>Kuyanelisa 5 - 5½ amanqaku</p>	<ul style="list-style-type: none"> - Bukho ubungqina besakhiwo obubonakalayo. - Isincoko siyasilela ekwakhiweni kwezimvo ngokulandelanayo nangokunamathelananayo. - Iziphene zolwimi zincinci, ithoni nesimbo sokubhala zithande ukuchaneka ngokwanelisayo. - Imihlathi ithande ukuchaneka.
Ikhawudi 3 40 - 49%	<ul style="list-style-type: none"> - Umbuzo uphendulwe ngokuqhelekileyo nangokungazimiseli ngokupheleleyo. - Ingqiqo nokuqondwa kweshloko kuvezwe kancinci kakhulu. - Izimvo aziphuhlisa kwaye zixhaswa kancinci ngoko kukwitekisi. - Umfundi akakayilandeli ncam le jenri netekisi. - Akasilandeli tu isihloko. 	<p>Kuzamekile 4 - 4½ amanqaku</p>	<ul style="list-style-type: none"> - Uyilo kunyefokanye isakhiwo zixazalala. - Izimvo azibhalwanga ngokulandelanayo. - Imihlathi ixazalala. - Kukho ubungqina beziphene zolwimi. - Ithoni nesimbo zitenxile kwiinjongo zobhalo lwemfundo ephakamileyo yengqiqo.
Ikhawudi 2		<p>Kunzinyana</p>	<p>Ukulandelana kakuhle kwezimvo kuchatsazelwa lubhalo</p>

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Tyhila iphepha

2012 -11- 20


PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001

PUBLIC EXAMINATIONS

[Handwritten signature]

[Handwritten mark]

30 – 39%	7½ - 9½ amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> - Isincoko sibonakalisa ukuphinda-phindwa kwezimvo kwaye sithanda ukuphuma emxholweni. - Akukho zimvo ziphuhlileyo, ingqiqo ixazalala/nezimvo azixhaswa ngetekisi. - Akanalo tu ulwazi lwale tekisi nejenri. 	3 - 3½ amanqaku	<p>oluxazalala nesakhiwo esingacwangciswanga kakuhle.</p> <ul style="list-style-type: none"> - Iziphene zolwimi nesimbo esingachanekanga zibangela ukuba esi sincoko sibe sesibhalwe ngokungenampumelelo tu.
Ikhwudi 1 0 – 29%	Kunzima 0 – 7 amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> - Isincoko sifuna ukungqinelana nesihoko kodwa izimvo kunzima ukuzilandela okanye zifenzile. - Ufumene ubunzima ekuphenduleni umbuzo. Izimvo zakhe ezimbalwa ezikhangeleka zisemxholweni azinakho ukuxhaswa ngetekisi. - Akanalo tu kwaphela ulwazi lwale tekisi nejenri. 	Kunzima 0 - 2½ amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> - Kunzima ukubona ukuba isihoko siphuhlisiwe. - Abukho ubungqina besicwangciso sesakhiwo nolandelelwano lwezimvo. - Isincoko asinayo imihlathi nonamathelwano. - Ulwimi lufe amanqo. - Ithoni nesimbo sokubhala zixazalala kwaye ziphume ecaleni.



Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Fyathiziphepha.

Ar

pp